URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
May Davids and Mark van der Vendt
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
May.Davids@westerncape.gov.za | 021 467 2365
Mark.VanderVendt@westerncape.gov.za |021 467 2509

Inombolo yefayili.: 3/3/2/4/12
Isalathiso: 20230130-821

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0003/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso yeKharityhulam kwiZithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

Isihloko: Ukubaluleka kokuba ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente benze isicelo semvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*remunerative work outside the public service*).

1. Isiqendu 33 soMthetho wezeNgqesho yooTitshala, ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998), isiqendu 30(b) soMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994, (ISibhengezo 103 sika-1994) njengoko sifakelwe izilungiso nesiqendu 13(c) seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations) (PSR)*, ka-2016, ezipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 40167 ye-29 Julayi 2016, zazisa bonke abaqeshwa ngembopheleleko yabo yokwenza isicelo semvume esuka kwiNtloko yeSebe (*HoD*) ukuba banqwenela ukwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*RWOPS*).

2. Abaqeshwa abangekayifuni nangoku imvume yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS*, kwakunye nabo banenjongo yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS*, mabangenise ngokukhawuleza izicelo zabo zokwenza umsebenzi ololu hlobo. Izicelo zivunywa ngonyaka-mali ngamnye (nge-01 Apreli ukuya kwi-31 Matshi yonyaka olandelayo) yaye ke ngoko abaqeshwa mabafake izicelo kwangaphambili qho ngonyaka.

3. Ukufumana imvume, makuzaliswe le fom yesicelo iqhotyoshelweyo ingeniswe kule dilesi ilandelayo:

Head: Education
For attention: Director: Strategic People Management
Western Cape Education Department
Private Bag X9114
CAPE TOWN
8000

OKANYE

Ithunyelwe nge-imeyili apha: RWOPS.Applications@westerncape.gov.za

4. Abaqeshwa abaneenkcukacha zabo zobuqu ezikwinkampani yabucala kwi-*Companies and Intellectual Property Commission's Register* nabangasathathi nxaxheba kumsebenzi oyi-*RWOPS,* bayacelwa baqinisekise ukuba amagama abo akhutshiwe kwirejista ngokufanelekileyo.

5. Abaqeshwa abanyanzelekileyo ukuchaza uchaphazeleko lwezemali lwabo nababefake isicelo semvume yokuqhuba umsebenzi oyi- *RWOPS* mabaqinisekise ukuba bagcina irekhodi yeleta ebanika imvume yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS* khon' ukuze bafake ekhompyutheni (*upload*) ileta leyo kwisistim yekhompyutha eyi-*eDisclosure System*.

6. Abaqeshwa abanikwa intlawulo eyongezelelweyo liSebe leMfundo leNtshona Koloni enxulumene, phakathi kwezinye izinto, nabamakishi beemviwo zematriki, abaqeqeshi/abaququzeleli kunye nootitshala abenza imisebenzi yokusuphavayiza ezihostele, akukho mfuneko yokuba benze isicelo sokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS* njengoko iintlawulo ezongezelelweyo zigunyaziswa ngokwemigqaliselo yowiso-mthetho esebenzayo.

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZESEBE
UMHLA: 2023-02-08